

IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI



UKWAZI NGEDEMOKRASI

Yintoni iDemokrasi?

Idemokrasi yinkqubo yolawulo—indlela yokulawula ilizwe. Eyona nkcazelo iqhelekileyo yedemokrasi ngu “rhulumente wabantu.” Oku kuthetha ngokuphandle ukunika abantu uxanduva (imvume yabo) lokulawula ilizwe egameni labo. Ngelungelo labo lokuvota, abantu banikwa ithuba lokukhetha, rhoqo, kulonyulo olukhululekileyo nolungenamkhethe, amaqela ezopolitiko kwaneenkoheli zezopolitiko eziza kubamela kurhulumente.

Nje ukuba onyulwe, urhulumente unoxanduva oluninzi. Unoxanduva lokulawula imithombo efana nomhlaba, amanzi neenkonzoluntu ukuqinisekisa ukuba iimfuno zabantu ezisisiseko kuyakhawulelwana nazo. Abantu kufuneka bahlawule iirhafu kurhulumente kwaye le mali isetyenziselwa ukuhlawulela iinkonzoluntu ezifana nempilo nemfundo ezisisiseko, izibonelelo zezentlalo neenkamkam, iindlela, izindlu namanzi, njalo njalo.

Njengokuba unyulo olukhululekileyo nolungenamkhethe luyinxalenye ebalulekileyo yedemokrasi, idemokrasi ingaphezu nje kokuvota. Idemokrasi ikwanika abemi ithuba lokuthabatha inxaxheba kurhulumente kuwo onke amanqwanqwa, elommandla, elephondo nelikazwelonke. Intathoxaxheba yabemi inceda ekuqinisekiseni ukuba abameli abanyuliweyo kwakunye namagosa anika inkcaza ngezenzo zawo. Balindeleke ukuba basebenze ngentembo nangokubonakalayo kwaye bafezekise izithembiso abazenze ngexesha lamaphulo abo olonyulo, kwanokuba bangafihlisi nto tu kwizenzo zabo.

Xa isininzi sabemi sivotela urhulumente, ngokwenza njalo sinika umbuso igunya lokuphumeza nokunyanzelisa imithetho egameni laso. Ukuba urhulumente efikelela ekubeni angathandwa iqela elilawulayo lingavotelwa ngaphandle elulawulweni kuze endaweni yalo kungene iqela eliphikisayo okanye intsebenziswano yamaqela. Nangona kunjalo, oku akululanga ukuba kwenzeka.

IMigaqo yeDemokrasi

INTATHONXAXHEBA

ABantu banelungelo kwanomsebenzi wokuvota kulonyulo kwaye bazibandakanye nemibutho yezopolitiko kwakunye neyasekuhlaleni.

ULINGANO

Bonke abantu kufuneka baphathwe ngokulinganayo, ngaphandle kocalulo kwanokuba banikwe amathuba alinganayo.

UNYAMEZELWANO

Wonke ubani, kuquka amaqela amancinane, kufuneka evunyelwe ukuba avakalise izimvo zawo kwaye azibandakanye nemibutho azikhethela yona yezopolitiko, eyeenkolo okanye eyasekuhlaleni.

UKUNIKA INKCAZA

Urhulumente kufuneka anike inkcaza ebantwini ngezenzo zakhe, kuquka imithetho ephunyezwayo nokuba le mithetho kuza kuqaliswa njani na ngayo.

UKUNGFIHlisi

Urhulumente makanike ingxelo ngokungafihlisiyo nangokuthembekileyo—kufuneka “angafihlisi” (nje kanye oku kwefestile) ekuhoyaneni noluntu.

ULonyulo lwaRhoqo, oluKhululekileyo nolungenaMkhetha

Ulonnyulo kufuneka luqhubeka rhoqo kwaye nendlela ekhululekileyo ngenamkhethe, ngaphandle koloyikiso, ubuqhetseba okanye izigrogriso kulo naliphi na ilungu loluntu.

UKwamkela iziphuhmo zoLonyulo

Xa iqela lezopolitiko lingaphumeleli ulonyulo, iinkoheli kunye nabaxhasi balo kufuneka basamkele isiphumo solonyulo.

AMalungelo oLuntu

Amalungelo oluntu abantu kunye namaqela kufuneka ekhuselwe, njengoko kubekiwe kuMqulu waMalungelo.

ULawulo loMthetho

Ulawulo lomthetho luthetha ukuba akukho bani ungaphezu komthetho, kuquka umongameli okanye inkokheli yelizwe.

INkqubo yaMaqela aManinzi

Ngaphezu kweqela elinye lezopolitiko kufuneka livunyelwe ukuba lithabathe inxaxheba kulonyulo kwaye lidlale indima kurhulumente.

